

# THE ART OF RESEARCH



## Ungqinelwano ngundoqo

Iimpilana zelungu lobufazi zinokubuyisela ungqinelwano lwebhakthiriya kwaye ziphucule umgangatho wobomi kwabasetyhini.


**UAnika Chicken** ngumfundi we-MSc kwiinzululwazi ngeentsholongwane kwezonyango kwiYunivesithi yaseKapa.

**ORCID ID:**

<https://orcid.org/0000-0001-6166-6269>

**Further information:**

<http://passmore-lab.org.za/>



*Iimpilana zinokubuyisela impilo enxulumene nokuzala kwabasetyhini abaphethwe yibacterial vaginosis.*

Presented in association with the Institute of Infectious Disease and Molecular Medicine, this programme forms part of #theArtofResearch, an initiative of research communication specialists Jive Media Africa.



**N**gabasetyhini baseMzantsi Afrika abathandathu kwabali-10 abaphethwe yibacterial vaginosis. IBacterial vaginosis kukungangqinelani kwebhakthiriya elungileyo nembi ehlala kuthungelwano lwamalungu angasese owasetyhini. Inokunxulunyaniswa nengozi enyukileyo yosulelo olosulela ngokwabelana ngesondo olunyukileyo, kuquka i-HIV.

Iindlela zangoku zonyango ixesha elininzi zikhokelela kwisombululo esifutshane seempawu, kodwa kwabasetyhini abaninzi ukubuya kwakhona yinto yokwenene. Iqela labaphandi baseAfrika ekuthiwa yi-VMRC4Africa, lihlangene nabaphandi base-US, okwangoku lisebenzela

ukuvelisa iimpilana zelungu lobufazi.

Ezi mpilana zelungu lobufazi ziza kuba sesinye sezixhobo zexesha elizayo esiza kulwa ibacterial vaginosis kwiindawo esihlala kuzo,” utshilo uAnika Chicken.

Iimpilana ziqulethe ibhakthiriya elungileyo eza kunceda ukubuyisela ungqinelwano lwebhakthiriya kuthungelwano lwamalungu elungu lobufazi. Enye yezi bhakthiriya echongwe njengekhoyo kwabasetyhini abasempilweni yi *Lactobacillus crispatus*. Abaphandi baye bayibekela ecaleni le bhakthiriya kwabasetyhini abasebatsha basekhaya kunye nabamazwe ngamazwe abaneempilana ezihlala kwilungu lobufazi ezingcono, kwaye

bathatha amanyathelo alandelayo okuqinisekisa ukuba abasetyhini bayaxhamla kwezi mpilana kungekudala kwixesha elizayo.

Ithemba lelokuba ngokubuyisela ungqinelwano kwilungu lobufazi ngeempilana, sinokwehlisa umthwalo webacterial vaginosis kwiindawo esihlala kuzo, kwaye ngaloo ndlela sehlise kanaanjalo inani losulelo olosulela ngokwabelana ngesondo.”

Nakuba kunjalo, ngaphandle kwenkxaso yabaxhasi kunye norhulumente yokwehlisa ixabiso lokhetho lonyango, abasetyhini baseMzantsi Afrika banokungaqakwa ngokwezemali ekufikeleleni kolu nyango.

